

IMVO ZABANTSUNDU

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE.

IXABISO 3d.]

ISAZISO.

“ Imvo Zabantsundu ” zishicilelwa ngoku ngolwesi-Tatu evekini.

KANIPE UMKONDO.

BONISANI Umfana okwiminyaka eyi

29 ubudala bake.

Untsundwana, akanamzimba mkulu ndahlukana naye e Bayi (Port Elizabeth) ngomnyaka we 1879 esebenza kwindlu ye Gas. Ke esisicelo sam ndisingisela kwabakona kakulu, igama lake ngu Jim, Mbeki. Aka. yise Abraham Gobongwana Kinass. Ndicela amehlo kumanene, nama nenekazi endawo ngendawo.

Umntu onokundilandisa angatumela ku

UMNTU omnyama onomfazi okwaziyo

ukulima isitiya. Ukuba umfazi uya-kwazi ukusizila naye wofumana imali. Owufunayo umsebenzi lowo makabalele

OCELA UMKONDO.

WEHASHE, imazi emfusa, enqina lase j

kunene litecu ngokuba mhlope kancinane. Iminyaka mihlanu linalombalo A.P. ondilandisayo wovuzwa angati ukundi-balela.

BONISANI.

IMAZI ebomvu yenkomo; seyifaka; upau; yi venkil-hak kweyasekohlo; itwe cupe

IMAZI emnyama yenkomo ewasakazi um-tshoba umhlope ayina lupau. Ondilandi-

OCELA AMEHLO.

NDICELA amehlo ngomfana wam u GILSTAIN MEKENI ubese Bekesdolopu.

QEBEYI H. MEKENI. Komgha, 6 May, 1885.

Ukujikwa Kwegama.

NGETUBA lokuxakwa kwabantu ligama likabawo u ONVERWACHT ebendibizwa ngalo ixesha eli lonke, ndazisa izihlobo ukuba ndigqibe kwelokuba nditabate elobawomkulu. Emandibe ke ndiyakwaziwa emva kolusuku ngokuba ngu.

KUBIWE.

INKABI yehashe emtuqwa okufosi, eminyaka mitatu. Upupu Iwenqina lase kunene lasemva limhlope. Libukutuka emhlana.

Isaziso Sabapati Bomzi. Sa 94.

Indlela emayingahanjwa.

KUYAZISWA kubo bonke ukuba Abapati bomzi wase Qonce bazisiwe ukuba kuko indlelana eyilwe ngaba qubi benqwelo kumhlaba womzi, ngasetoleni yale ndlela iya e Komani. Ubani ofunyenwe equba inqwelo ngale ndlela, mhlambi engahambi nge ndlela yenqwelo kakade uyakudliwa £5; lento ke iyakwenziwa emva kolusuku.

W. DUNBAR, Umpatiswa. K-wi Ofisi Yomzi,

E Qonce, 13 May, 1885.

J. HILNER,

Umenzi wentsimbi zamaxesha, E-QONCE.

Nontengisi wempahla ezinjengemisesane

(NATIVE OPINION).

KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, MAY 2 1885.

[No. 30.

AMALAHLE ASE NDWE

Abanini bamalahle bagqibe namapati bololiwe ukuba bamane ukulayishela Kwa Komani (Queenstown).

300 TONS ZAMALAHLE

Ngenyanga: ezingangemitwalo e 80.

Abafuna ifulura abasakuzidinga kwisituba semingxuma yamalahle ne Queenstown. Akusakubako kubambezeleka ekulayisheni amalahlwe nasekuwatuleni e Komani. Indlela yenqwelo intle yonke isagudiswa ngokunye.

Inani yi nayipeni (9d.) ngekulu.

G. WHITAKER,

Isebe elitengisa nentwana ezincinane,

Kwivenkile ebisakubu yeka Magiligana {McGREGOR'S}

Utenga zonke intlobo Zoboya, Nezikumba zempahla emfu-tshane, Neze Nkomo, Nempondo, enika amaxabiso adluliseleyo.

Uhlala enento enenzi yentwana ezinjengo zi-ti, swekile, kofi;

njalo, njalo

INGUBO, IKELEKO, IFRINTI,

Ipuluwa nezikali,

Ingcawa, Amafelane, Ikeleko

Zokulala.

Amacuba entlobo zonke—kwa nayo yonke into enqwenelwa ngabantu abantsundu.

Yonke impahla idla amaxabiso ahlisiweyo.

C. MUSGROVE,

OTENGISA IMPAHLA ETSHIPU YENDLU, Kwindlu Ekangelene no W. O. CARTER & CO.,

E-QONCE

Onoxesha bempahla yendlu batengiswa nguye ngemali encinane.

Unokubatengela abantu abakude impahla abayifunayo kwimisito eti ibeko e Qonce xa bete banqopisana naye.

POS' ISO A PA BO I

E. J. BOXALL,

Umsiki wentlobo zonke ezifunwayo zengubo,

No. 22, SMITH STREET, E-QONCE.

Uhlala enento eninzi yezitofu ezifanelekileyo neziluhlaza apa bo.

Ingubo zomshato zenziwa ngokokufuna komntu kwisituba se yure ezilishumi.

Uhlobo ezenziwa ngalo nokufaneleka kwazo akunakugxekwa bani.

Paula—Intsebenzo yonke iqutywa ndlwini 'nye.

Kufunwa into eninzi ye

Botile kwa W. BEHR & CO.,

kwisitrata se Cambridge Road, e Nyutawuni.

T. H. KELLY,

Umteteleli ematyaleni, nomgqibi wemicimbi yemihlaba neminye ezezwa ngamagqweta.

Akabizi mali ininzi ngokuteta amatyala nokufeza imicimbi yabantsundu. Uyakutetelela abamcelayo kwa Qoboqobo nase Xesi.

Apo i-ofisi yake ikona kukwi Maclean Chambers (ngase TownHall), e-Qonce. Make

PASCOE BROTHERS.

Lempahla intsha inokubonwa

KWA-PASCOE, A YLIFF STREET.

I-SETINE (Silika) emhlope ne Alpaka, Izivato zomshato esenziwe, nezi-tofu zokutshintsha zentlobo ezininzi, Izigubungelo zomshato neNtyantya-mbo, Izihlangu, Iskirts ezimhlope, ne Bodi (impahla yekabakazi ke leyo) Izitezi, ne Bonet, Iprinti ezikanyayo, nezidaki nezi brown (mfusa) ziqala kwitiki-iyadi... Ikeleko ezimhlope nezi-brown, I-linzi eziqala kwi-tiki iyadi. Ikwilt ezimhlope nezinamabala.

Impahla yomshato nezitofu ezitengiswa nge yadi azidli amaxabiso makulu. Into eninzi yetyali ezifanele intombi ezizakutshata nabatshakazi.

Uhlobo esigcina ngalo ingubo esenziwe zabatshakazi lubanga ukuba abantu abaza kutshata abavela kwindawo ezingama batenge babe noku goduka kwalomini. Kwivenkile yakwa Sisingqi, e-Qonce. 29th October, 1884.

IMVO ZABANTSUNDU.

LIXESHA LOKUHLAULA. Kambe kule nyanga silindele inkozo zenyanga eziqala ngo May 1, 1885. Oku kubekiswe kwababehlaulele ezintatu inyanga kupela. Amapepa angahlaulelweyo ayakubanjwa de ifike imali yokuwa kulula. Abamnkeli bayacelwa ukuba intlaulo yabo bayise ekupeleni ko September, 1885, ibe 5/. Abafuna ukuyisa ekupeleni konyaka bangahlaula 8/.

Abantu abaqala ukulamnkela ipepa ekuqaleni kwalo nyaka bahlaulela inyanga ezintatu bayaziswa ukuba ixesha labo lipele ngo 31 March. Ingafiki imali yabo liyabanjwa ipepa.

IRISITI ZENTLAULO.

Abamnkeli beli pepa bayaziswa ukuba abanakutunyelwa irisiti (receipts) ngemali engapantsi kwe 10'. Ixesha abahlalela lona boliqonda ngokulifumana nokungalifumani kwabo ipepa. Kuba kungatunyelwa mapepa kubantu abangahlaulanga kwa-ngapambili.

IZAZISO ZE MVO.

Siyabacela abafundi betu ukuba izaziso ezisakuba zibonakala kwelipepa bazikangelise. Makukunjulwe ukuba ezi zindlu zingenisa izaziso sazeke zingenyane mali yamntu mnyama njengokuba ezinye zinjalo, abangati ke abayakutenga kuzo bafumane ukulungiselelwa nemfanelo. Sibacela kanjako abafundi betu lento inye inkulu ukuba bati xa sukuba beyakutenga bapate ipepa eli “Imvo” ukuze bazazi izindlu eziqwenela ukutengiselena nabo, bazibuze ngokumhlope izinto esazeke zibalulwe epepeni ukuba zinokufunyanwa kwezo zindlu. Xa abafundi beyakutenga kwizindlu ezingekabi nazaziso kubalungele ukuba babuze imbangi yokuba izindlu ezo zingaceli umzi omnyama ngezaziso.

Amagosa e “Mvo.”

SAZISA umzi ukuba lamanene amiselwe ukupendula zonke izinto ezingelipepa egameni lomninilo kwezindawo :—

Cala.....Mr. P. Figlan

Grahamstown.....Mr. Peter Nkosinkulu

ANDREW GONTSHI

Umteteleli ematyaleni,

I-Ofisi-e-NGQAMAKWE.

R. W. ROSE-INNES,

Umteteleli-Ematyaleni, Umqinisi

WEMVUMELANO,

Umanani Weziqiniselelo

LONKE UNYAMEKO uyalunikele ekuteteni amatyala abamnyama nakweminye, imicimbi yabamnyama—ofuna umhlaba unokufunelwa, ofuna kujike igama lesiqiniselelo somhlaba unokwenzelwa. Lemisebenzi uyifeza kwesi siqingata nakwezimelene naso.

W. F. S. BOOTY

Umteteleli kwi Nkundla yamatyala e-Komani. Umlungisi wemicimbi nayipina esingiselele ematyaleni nakuyipina inkundla apa kulo mandla. Ungumkhuseli kwabanamatyala, waye kananjalo ebiza amanani afanelekileyo. I Ofisi ise Town Hall e-Ko-mani.

W. BOTTRILL,

Umsiki Wentlobo zonke zengubo,

Ukangelene ne Town Hall,

E-QONCE

Ngoyena misiki utshipu kulomzi.

Umsebenzi wenzelwa ndlwini nye. Intlo bo ezintsha zokusika nazipina i fashini.

I BRANDI

Elungileyo engapitikezwe nanto zinjengamanzi nezinya ezibululayo, itengwa ko

C. J. DOWELL & CO.,

BANK STREET,

E-QONCE

U Abraham K. MALO

Umteteleli ema-Tyaleni,

ENGQUSHWA.

Iveki

KUBONAKALA ukuba ezimvula zisand' ukuna zibe ngonogumbe kwelase Bolani (kwindawo ezinjengoma Beaufort West, Oudsthoorn, noma Prince Albert).

U RULUMENI umise u Mr. Dick ukuba acedulele umcimbi wokutyolwa ko mnumzeto u Mbovane Mabandla.

ABANTU abanengqakaqa e Bompasi kwa Qoboqobo bakolisa ukuba ku 40 ngemini. Isifo asandi noko, sibonisa impau zokupela.

INDODANA eyafa ngebaqo e Somerset East ngu Nanise September yakwa Maduna;

U MR. WILLIAM HAY ufike e London ngo-Iwesi.Ne.

KUKO umfo omnyama e Dayimani abati ngu Jaggia osentolongweni ngokuba ingxowa yegwangqa abati ngu Charles Braun, eyayi- nemali zamapepa ezikwixabiso le £500 ne- ngumwenzala eku £6,500.

UCUKU lokuba ngubanina owaqala ukubeta kwidabi ebeke lako pakati kwama Afghani- stan nama Russia ekujinga kulo imfazwe pakati kwe England ne Russia, lubekiswe ku kumkani wase Denmark ukuba alugwebe. Akuko nto iyakwenziswa ngamacala omabini ngendlela yokusondezela imikisi.

U RULUMENI wa Pesheya ucele igunya le- bandla eliyi Palamente ukub' anikwe imali exabiso eliyi £11,000,000 yokuhambisa imfazwe ezingati zibeke.

IMFAZWE yase Yeputa isengati ilityelwe nga Mangesi ngenxa yale ibungwayo ne Russia. Akuko kuhanjiselwa pambili kuyakubako malungana nayo.

ITSHAWE elingu Khamalezizwe ezingapaya kwa Barolong lilinikele kwi Nkosazana lonke ilizwe lalo eliyi lema nge Zambezi ngoku- tsho kwalo.

ULAULO Iwa Pesheya lugqibe kwelokuba lungabi sazamelu ukuyingenisa e Khartoum imfazwe.

LE Palamente ihambisa imisebenzi ya Pesheya iyakupeliswa ngo November ukuze kunyulwe entsha.

INGQAQAQA isavakala ngase Tsomo nangakwa Kentane pesheya kwe Nciba.

SIVA ukuba u Captain Veldtman selelahleke zinkomo ezi 30 ngenxa yemanz' abomvu okoyo Pesheya kwe Nciba.

U MR. EDWARD H. BURNES obeyitshala yesikolo sa Malau e Bayi usentanjeni Kutuwa akagcinanga kakuhle imali zebandla labaki abangungcini-ndyebho wazo.

UKUBA amaxesha ebengemabi ngeba siti u Mr. C. Musgrove onesaziso kwelipepa umema umzi ngento enefa kuwo. Kodwa singaqwa- laselwa isaziso okwaso sodwa.

KWAQALA ngo Mgqibelo kwada kwaba lu suku lo Mvulo izitora ezikulu zalomzi ziva liwe.

UMANZ' abomvu uzibonakalise kwifama emele ukungena kwe Nciba elwandle.

ISIPITIPITI esaka sati siko e Canada kwe. Iase Amelika sipelile, inkulu yondiyalwa u L Riel ubanjwe.

ABAFUNDISI batumele umtandazo e Palamente wokuba indawo ezingqili zabantu abantsundu bezitili zase Ngqushwa, e Dikeni, e Qonce, e Monti, e Cumakala, e Qumra, kwa Daliwe, nakwa Komani, zingatengiselwa utywala.

U HON. J. H. HOFMEYR, M.L.A., oyinkulu ya Mabulu ase Palamente uyawela ngaleveki ngenxa yokungapili.

NGOLWESI Hlanu kwakuko umdlalo webola pakati kwe Champions (zabantsundu) namajoni. Amajoni avena ngamangeno okuqala etsho nge 148, i Champion zatsho nge 94. Isikora esikulu se Champions senziwa ngu

W. C. Umvalo.

BEBEXE bada base sitandatwini abantu abanengqakaqa esiqikini sase Xesi, ngezintsuku, kodwa baseko abehliwayo emakaya, abanye bayafihlwa ngabahlabo babo.

U REV. C. W. POSSELT wama Jelimeni wase Swazini ubube ngolwesi-Bini olungapaya.

IMANTYI yase Xopo, e Natal, isetyaleni ngokubeta omnye wababafo bamnyama base Amelika.

U SUTTON no Brown amadoda amiselwe ukulinda imingxuma ye Dayimani kwelo abanjwe ngokusuka abulale umntu omnyama.

U REV. THEO. CHUBB, B.A., wase Mgwali ukwele emkombeni ngolwesi-Bini ukusinga e England kunye nosapo Iwake. Ufumene ixesha lokupumla lonyaka.

E PALAMENTE u Mr. Dyer ungenise indawo yokuba u Dean Williams angafumani mali kwa Rulumeni, ngenxa yesimilo esibi ezati ijaji unaso oko wayemangalele n W. B. Shaw.

IMVO ZABANTSUNDU

IVOTI ZABAMNYAMA.

INGXOXO yevoti yabamnyama iyenkulu kunene, sivuyisa ukubona ukuba inxenyi yabahlobo betu iyinikele iliso kakulu. Sisati tina boze bati bakuyiqonda abo namhla bangagqibiyi ukuyiqonda ihambiso yetu malungana nevoti babone ukuba bebefumane banexala. Bambi bebenoloyiko lokuba Amangesana ambalwa, ngakumbi abafundisi, abengati kulomandla akuwo asebenze ngewonga analo ukuba ilizwi labamhlope linywiliselwe “ ngamaqaba ” (njengokuba besenjiwanjalo ukubizwa bonke abamnyama kulemicimbi). Asingi singayikanyela into yokuba beyakuhlala beko bona abantu abacebo liyakuhlala la-Pulapulwa kwezizinto. Kuyinene ” ukuba umqukuqela wa Mangesi seloko ukokelwe licebo labanye, esingati le Mbumba ya Mabulu ikoyo imele ukuba baze bati abo bazintloko zayo bakokele onke amalungu. Sisatike abo bakwaziyo ukukula kwe Mbumba leyo ya Mabulu abasakukukanyela oku. Seloko kuti ingummangaliso ukuba ukuvota kwetu kuhlale kucasiwe ngezizizatu; ze ukubako kwabapambili abakokela abamnyama kube yinto yokutetwa nqa kangaka. Esiti ngoko abo kwabamhlope abateta ngoluhlobo mababe abayazi ihambiso ya Mangesi akowawo ngomhla wonyulo, okanye sazeke besili abo bateta nabo bazi-zidenge.

Esinga singakubonisa mhlope kukuba xa ukuvota kwabantsundu kukangelwa kakuhle bekungafanele kubako loyiko lunjengolo siluva imihla nezolo. Lendawo siyicazayo singayikanyisa ngokusuka salatekunyulo Iwamadoda okuya e Palamente olwaluko kwisitili sase Dikeni, unyulo olubaluleke kunene. Singati mhlaimbi exesheni sibe nezwi esile-nzayo ngolunyulo, salate into enye nezimbini ezingati aziqondiswi ngabantu abatile kwabamhlope. Singa lenyaniso ingaqondwa leyokuba ngexesha clo lungemu ulaulo Iwe NKOSAZANA kweli lizwe. Inxenyi yabavoti abamnyama yaaqeqeshwa ezikolweni ezikulu nase mizini ya Belungu. Latike lakufika ixesha lonyulo abantsundu benza intlanganiso bacikida into ezibahlalise kubi, nomntu ongayakuba mela ebandla. Zabako intlanganiso zemizi ngaminye nezemizi ibandakanyiwe. Indawo ezipatelele kumandla abakuwo abantu abo, nendawo ezipatelele kwi koloni yonke

—ezinjengemicimbi yemfundo—za-qwalaselwa. Enye yento ezaqi tywayo yaba yeyokuba abantsundu bangazibopeleli nakubani uti makan-nyulwe ade eviwe into ati uyakuyenza xa ateta nabamhlope nabamnyama. Ndoda nganye yagcakamela ukucikidwa, inteto zayo zapaulwa. Kute kuba kwakusaziwa ukuba landlu yem- buto yase Dikeni ayingebatwali bonke abantu abamnyama abanga- bavoti kwatunyelwa amadodana atile aziwayo ukuba ayakwazi ukusoma awati wona amana ukuya kubikela umzi osekhaya. Ziviweke inteto w- andula ukugqiba apo wagqiba kona umzi ontsundu. Kusenziwa oku abako abo bafundisi boyikwa kunene. Uninzike siyazi ukuba luyasibulela namhla isenzo somzi omnyama ngokunyula u Mr. INNES. Sinenkolo yokuba yena u Mr INNES kwanjengomzi wonke omhlope akazi ukuba wayehleli pantsi kokupendulwa okungaka, kuba nakuba kusitiwa abamnyama bangabantwana, njegabantwana banemvo ezizezabo bodwa ngehambiso yabantu abakulu. Kwanjengabanye abantwana abadli ngakuposisa. Sike saboniswa amanqakwana awenziwe ngelixesha lonyulo lidlu-

lileyo, abonisa ukuhamba kwengca- mango zamawetu ngeloxesha. Ke ezimpawana zazingabalelwa ukuba zezishicilelwe, kodwa zahanjiswa ngokubanzi kwabaziwayo ngumninizo- Sizingenisa apa kuba zibonisa ukuba uyakulisebenzisa ngengqondo ilungelo lokunyula ngalo lonke ixaxano ontsundu nakuba singatshoyo ukuti abantsundu bayakuhlala balihambisa ngokufanelekileyo njengokuba benjenjalo abanye e Dikeni. Nangezinye indlela sicinga ukuba lamanqaku ayakuba mnanidi kwabanye esitembayo ukuba ayakuba lu- ncedo kwabo abanga bungati ngexesha lonyulo bafumane ivoti zabamnyama. Uquba ati lombali wamanqaku:—

November 1883 ... Mandiqawule

..... - lendawo ndiyiqawulela ukuze ndibuyendiyi kumbule exesheni ukuba (1) u Stephen Johnson, ngenye indlela atanda ukuzibiza ngayo u " Mna Stephen Johnson," wabanga ukuba mna nditi inteto yake uyifunda epe-peni elinteto yabalwa nguye kuteta kodwa omnye umntu. Lenteto yabonakala inde ngohlobo lokubalwa kwayo, ngati naye wayifumana ekuqubeni ukuba inde, kodwa kwannqabela ukuyenza mfulshane... Kwaba lusizi ukumbona ewanyusa ewahlisa nepepa amehlo, eman' ukuti akasakuyiqqiba yonke inteto yake. Isigqibo, akaciko lokuteta. 2. Incwadana ecaza ukubizwa kwamazwi ngati ibingaluncedo ku "Mna Stephen Johnson." Xa ati Alice usuke ati Halice, u origin uti ngu oreegin. Endiqondayo ke ngoko ukuba elitshawe lizakuba lilungu lase Dikeni litshawe eliyakuqala ezalo zodwa indlela, itshawe eliyakuyenza imfanekelo kuye wonke ngapandle kwenteto ye Nkosazana. 3. Ngomnye wamadoda adlule amanye ngokwenza amadinga. Wayiqala inteto yake ngokutemba, wayiqqiba ngokutemba. I Dike liza kuba nololiwe nemicanato, kokwam ukuqonda ude ngati uti ndawo nganye enevoti iyakuba nololiwe. 4. Lomfo ungu "Mna Stephen Johnson" yinzulu yesazi. Yinto eyaputuma isiteto apa esiti " yenza e Roma oko kwenziwa ngama Roma." 5. Ngumfo olumnke kunene ekupenduleni imibuzo. Mna ndandandingempikisi ekupenduleni kwake imibuzo. Impendulo zake zinde, aze ati akugqiba ukupendula unge ungabuye uwu- pinde umbuzo wako. Omnye waka wabuza ukuba ucinga ntonina yena ngengxoxo yokunikela ipesheya kwe Nciba kulaulo lwa Pesheya, ute u " Mna Stephen Johnson " ndingavuma ukuyinikela kwi Nkosazana lomihlaba, ndim kodwa omakamise iminqopiso yokulunikela elo endingayenzayo lonto kwisituba seminiti ezimashumi mabini! Andiyazi indawo engaba lompndulo isinga kuyo, kodwa ndahleka kakulu ndakucinga ngetshawe elikulu le Nkosazana lileheli etafilaneni lipete usiba imisizi nentsiba zokubala sezilapa, u " Mna Stephen Johnson " selehleli kule- kehle yena wesitulo elungele ukuteta, ipakati libale ngeminiti ezimashumi mabini. U Mr. Johnson uti akagushi nto ekuteteni kwake kodwa ndati ndakubona omsebenzelayo ngemicimbi yonyulo apo e Dikeni ndanga ndingati kunganina ukuba ungazipenduleli mfonadini, naye wasuka walinga ukusiqondisisa ngalendawo. Kantike noko wati u Mr. Johnson omnye umbuzo wakubekiswa kuye seyiza kupela intlanganiso, ubependula ngokute tye kodwa lompndulo yokugqibela uza kuyenza ngokute tye ngapezulu (straighter). 7. Ezintlanganisweni into eyayinkulu kuye kukuba (1) engu Stephen Johnson (2) etyebile, (3) engoyena ufanele ukuya kutetelela i Dike e Palamente. Indawo yobutyebi wayinyanyatela ngokunye udada ndaqonda ukuba inkulu kubapupapuli. Mna ndikolwa ngondyebho zisentloko kunondyebho zise ngxoweni, ngakumbi kumcimbi onjengowokwenzela abantu be koloni imiteto. Angaba u Mr. Johnson unayo kanene indyebho entloko nase mpakatweni..... Eku- peleni kwentlanganiso ndati mna eyona nto ifunwa lilelizwe ebandla NGAMADODA okucinga.

"YOUNG. — Ndingatinina ngawe Mr. Young? Napezu kwako mandiwisa isigwebo esingento kuwe, esiyinto kodwa kum. 1. Mna nditi akasakunyulwa kuba usuke wazonela. Kwinteto yako ungenise into eninti enganakuvisiswa, yimpi entsha ngokukodwa, esuke yenza ingxolo. Ukuba ubute waludibanisa namanzi ubisi Iwako Iwapesheya olusezibekilani ngesite sakolwa lulo tina : ngoku luyiye kakulu, asilufunike. Usiteti esingatomalalisiyo. 2. Ungati uyayiqonda into oyitayeto unokuyimela nase Roma. 3. Ndiyavuya kuba inteto ye Nkosazana akuyirodomishi, akutembis' into yonke kumntu wonke. 4. Akuteti nto ngendyebho zako, kanti noko uyazifuna ivoti ze tu! Ungumntu osimanga andivumi kukutemba ivoti yam, ukuba ndinayo e ndiqonde ngapezulu ukuma kwelizwe, nenteto yams- nye amatshawe afuna enyulwe. Kodwake akwazi nto kakulu ngabantu abantsundu. Ukuba okwaziyo ngabo ubuya kuzama ukukucola pakati kwabo kunokuba uye kukufuna entlanganisweni zamafama bekuyakudlu- lisela. Kodwa ivoti endinayo ndiyakuyinika u "Mna Stephen Johnson" kuba ndiyabutanda ubuganga bake. " INNES.—Yiyo lendodana kade sisiva ngayo? Ndiyakuke ndiyiqwalasele. Ngati isencinane. Emi u Innes paya ngati akuko mntu umvelayo kumawabo, uti akuhambisa ukuteta ndifumane ukuba nakumgcinisi-sihlalo akafumani mfanelo yake. Nanko eteta noko; yindoda ndiyambona. Akabukeki nganto kakulu noko kodwa uteta ngokukulelekileyo. Uyakauleza ukuteta, kodwa ubucopo bake buhamba pambi komlomo wake. Uti ukuhambisa entetweni ndide ndilibale ukuba ngumntu omncinane, ndikolwe yinteto yake ndingake apa ndingapaula ezintloko. 1. Akasipi lubisi luyijilileyo Iwapesheya njengokuba enjenjalo u Mr. Young, mhlaimbi amanzi njengokuba enjenjalo u Mr. Johnson, kodwa, usipa ubisi olungangxengelweyo. Ndiyasele ke ngovuyo, ndiqonda nabo bebengafuni kusela ngoku bayasela. 2. Yena yindoda emele imfanelo zalo lonke, amanye emele ezalo. mzi wawo kupela nje. Yena usicelela ukuba siqwalasele kwi lungelo le koloni kunokuba sinyoshe i koloni ukuba ikangele kwilungelo yetu. Into esisixaki. 3. Ingcinga zake zeziziqambileyo akazifihli. Ngati tina bantsu-

ndu usilungele kanye. Uyicasile impato egadalala yabamnyama, unga abantu aba- mnyama bangapatwa ngemfanelo, afuze' Amangesi enyanisoke ngaloxa : unga i Pesheya kwe Nciba linganikelwa kwi Nkosazana. Ewe, siyayilangazelela Inkosazana. 4. Zonke ingxakeko uzikangela njengendoda ufika anike imihlaba ngento akolwe zizo. Ufunde kanye, nabani umelwe kuziqwalasela into azitayeto nokuba akazammkeli, abo ba- zama ukumpitizela basuka bamnika ama- ndla ngakumbi. Nto ndayitandayo kuye kukuba engatembisanga ukwenza yonke into. Akafihli ukuba uyatanda ukuya e Palamente eyakudana engangenanga. Nabanye ngati baya kubanjalo nakubeni ngati bayidukisile lonto. Ukuba yakuteta ngoluhlobo waku- hlanguana nabamnyama alisakuba lityala lako ukuba akubatibanga. Ndigqiba kwelokuba uyindoda eyona."

Akuko nto ke singayelekayo kwe- zinteto. Silila ngendawo yokuba umbali wazo engabangako ekuteteni kwamanye amadoda. Singati apa kupela ku Mr. STEPHEN JOHNSON; asikukuba igama lake ulipate ngapandle kwentlobo lombali, singa kungakunjulwa ukuba lama- nqaku abalwa ngapambi komhla wo- nyulo, engabalelwa ukuze ashicile- lwe. Siyazi ukuba zininzi impawana ezenziwayo ngabanye abantsundu ngalomhla, ezibonisa ukuba benza yonke imigudu ukuze banyule eyona ndoda ifanelekileyo —intoke ebonisa ukuba unyulo olulandelayo luyakuba lololohlobo. Njengokubake i Palamente izakusingata umicimbi wokuba nepesheya kwe Nciba libe namadoda alimeleyo ebandla, ezi- mpawana ziyakubonisa uhlobo aci- kidwa ngalo amadoda afuna ukuya e Palamente yimpi entsundu.

IMBANDEZELO EKOYO.

SEKE samana ukubuzwa ngamanene amaninzi amhlope ngendawo yokuba amawetu aha ayakupila ngantlonina ngelixesha limdaka lendlala. Sithikuba singazi nathi sikohlwe.Elyine lide lathi lite-nqa kukuba ingabi ibise isimbonono esinye kwibala lababalelani ngokucinga indlela yokulungiselela impilo. Kumanene amhlope apambili alapa e Qonce siyazi ukuba maninzi abengayilayo iqinga lokunceda ngeli ngelixa lembandezelo kodwa kusanqabe indawo yokuba amawetu engekati nto ngokwawo. Atike kuwaxakile ukuba ayakuti xa ayila iqinga aliyila ngenxa yo- banina abebeke batinina. Akwanele ukuti into ebezilinywe zitshile lilanga kuba beyakuti abaninzi nabagama aziqali ukuba njalo kanti noko abamnyama basapilile. Ndawo yokuba owakowetu umzi pakati kwawo wodwa uyayiteta kakulu lento yendlala, asiyikanyeli tina. Nantsi into, ayaziwa lonto ngamagwangqa anokuti avalise iqinga elinoncedo. Emangesini apa into iwiwa xa ixoxwa kunene emapepeni, naxa kwe- nziwa ingxolo ngentlanganiso ezingati ingxelo zazo zibonakale emapepeni. Ezinye indlela zokuteta nomzi omhlope zifana kanye nalento sazeke umntu atete kongapandle yena esenkotyolweni yesisele. Ukubake amadoda omzi ontsundu abona qinga kuyakupunyelwa ngalo ngumzi ngalendlela mawalivakalise apa epepeni asebekangele kulo bonke abamhlope ukuba lilelaxa *Imvo Zabantsundu*. Siyakutike ke tina yakwanela ingxoxo sizivakalise ngokwe Singesi.

Kakade akuyikusiza luto ukuba abantu bafumane balile kungeko nto bayizamayo ngokwabo. Siti kodwa kuko nto ingaba luncedo xa bate bazama bemana ukubonisa indawo ezibaxakayo. INKOSI ebubeleni bayo, iyinisile imvula ngokubanzi, iyinisa ngexesha lokulima ozingqolowa, ozihabile, ozirasi, nozi- mbotyi, (ngakumbi ezimtuqwana apa). Bekufunekake bete bukuqu abantu ekulimeni ezontlobo zembeu. Kuyavakala ukuba umzi uyakusilelelwa ezimbewini. Kusinqabele ke nokuyitetelela lendawo de abantu ngokwabo baxele mhlope ukuba ingxakeko yabo ikweso situba. Ma- yikaulazelwe ke lento ngumzi. Si- yishiyela kuwo tina.

UMCIMBI KA MABANDLA.

UTE u Mr DE WET, umpatiswa micimbi yabantsundu, ngalomoya wake wokungu kungenziwa imfanelo, wasammkela isicelo sabo besibesti indawo yokukutshwa komnumzeto u MBOVANE MABANDLA Mayipicotwe ; u Mr. DICK, Imantyi yabantsundu yalapa umiselwe ukuba ayicikide, siyazike ukuba akasayi kudlelwa ndlala. Ekuwutabateni

Kwetu tina lomcimi welitshawe be-singa lingenzewe imfanelo, sayeke simazi u Mr. DE WET ukuba asimtu unगतonyalaliswa kukuba kwenziwe okungeyiyo imfanelo. Isiqamo so-lucikido Iwalomcimi siyakusijonga ngemihlali kwanjengokuba sisazi ukuba baninzi abayakwenjenjalo kumawetu.

Amanqaku.

IBANDLA labafundisi besebe le Rabe eliyi Independent lihlangenen onyakange e Rafu. Umgcini-sihlalo ibe ngu Rev. R. Birt. Intlanganiso iqale ngo Mvulo 11 May yapela ngolwesi-Ne ngo 14 umhla. Kwi-nto eninzi yemcimbi egqityweyo yintla-nganiso singabalula owokuba kugqitywe kwelokuba elibandla liqinise isebe lomse-benzi walo okwela Batembu na Mamfe- ngu; okwenenene wamiselwa kwindawo yokuya kwelo u Rev. S. P. Sihlali, indoda- na chhalele ukutata igama emfundweni etyalilevo. Sisiva ngati u Mr. Sihlali uya- kunduluka e Rafu ngo August ukuba aka- ndulukanga ngo July. Into ezafezwa kwintlanganiso yabafundisi ababeniyulwe- ngamasebe eramente yase Rabe uku- ba baqwalasela umcimbi wokumisa isi- kolo sokufundisela abafundisi baloma ba- ndla e Lovedale, yamkelwa lisebe lase Independent. Lontlanganiso eyayise Rini yagqiba kwelokuba iziko elinjalo limiswe nokuba ibandla ngalinye kulawo ase Rabe libe netitshala yalo apo e Dikeni eyakuhlulelwa kwalilo. Abase Independent bayamkela lendawo lada neba- ndla eli Pesheya e London ngapezu ko- kuwuvuma lomcimbi ngokunikela ira- mente ekweli £2,500, latembisa ukuba nalo loncedisa ekuyihluleni indo- da engati inyulelwe ekufundiseni abafu- ndisi e Dikeni. U Rev. T. Durant Philip, B.A. (London) wanyulelwa ekubeni yiti- tshala yelo sebe e Dikeni. Intshumayelo yonyaka yenziwa ngu Rev. AV. Buxton Philip, B.A., (London), wase Kap. Le ibe yene yentlanganiso ezinkulu zelibandla.

KWIVEKI ezagqitayo kwaka kwako ulure lokuba u Rulumeni uza kumisa pakati kwa Mangesi na Batembu lamda wawufunwa nga Mabulu, awayesiti u van Rensburg M.L.A., kwikomityi maube ngowona umayo. Sateta bukali ngelo- xesha ngalombimbi, sisiti, u Rulumeni makavakalise eyona nto kuyiyo, bangamfani abantu bapitizelise ngamare. Ngendlela esingayaziyo wayakuxelwa e Kapa u Mr. Newman Marks ukuba nguye lo wayitayo lonto ati u Rulume- nte ibuxoki obumhlope. Kakaade k u Mr. Marks uyakanyela ukuba nguye owa- vusa oluvunduvundu ngokuba wasuka waluvakalisa emapeeni. Tinake noku- ba ingaba ngu Mr. Marks asinguye sinina owaluvusayo utuli akuntoyanto kuti, nto imandi kukuba u Mr. De Wet ete wakau- , leza ukubonisa oku lento ayinyaniso. Oku sikufunda kule ncwadi ayibailele ku Meja (Major Elliot).—

Kwi Ofisi Yompatiswa Micimbi Yaba- ntsundu. E Kapa, April 23, 1885.

Ngokupitizela kuka Mr. Newman Marks abantu bomandla wase Xalanga.

NKOSI,—Ndiyamkela incwadi yako ya 70 yomhla we 8 wale nyanga kunye nezinye into ebezipakati kwayo. Kuti- wa manditi kuyabonakala ukuba umantyi wase Xalanga mazise ngokubanzi kwabamhlope nakwabamnyama ukuba u Mr. Marks akaseko kwidniso lakwa Rulumeni.

Unke Umpatiswa u De Wet u Mr. Levey makabehle enze intlanganiso yabantsu- ndu abaxelele ukabhele ka Mr. Marks ibuxoki obumhlope, nokuba u Rulu- meni akacingi kupitizelisa abantu naku- misela mda ongomnye kulowa wamiselwa yi Komityi. Ndinembeko yokuba,

N kosi,
Sicaka sako esilulamieyo J.
ROSE INNES
Umpatiswa osisandla.
Kumantyi omkulu welase Batenjini.

UKUVIWA kwabafuna iziqiniselelo zeba- ndla elikulu lemfundo kuyakuba ngale nyanga iziyo. Kwipepa elivakalisa inda- wo oluyakuba kuzo uviwo sifumana uku- ba luyakubase *Bloemfontein* apo oyako- ngamela iyakuba ngu Rev. Professor Brebner, M.A., abayakuviwa kwi Matriculation 9. *Burghersdorp*, umongameli Rev. W. Cormack, Matriculation 3, B.A. 1, bebonke 4; *Cape Town* (nezitili ezimele elo) Abangameli ngabavavanyi, naatric, 58, 1st B.A. 22, B.A. 6, LL.B. 2, Umnto 10, Ukucanda 7, bebonke 105 ; *Graaff-Reinet*, Rev. Canon Steabler, matric. 5; *Graham's Town* (ne Cradock, Somerset East) Rev. J. A. Chalmers, matric. 26, 1st B.A. 6, B.A. 3, LL.B. 2, Ukucanda 4, bebonke 42; *Kimberley*, Rev. Canon Gard, matric. 11, Umnto 4, bebonke 15. *King William's Town* (no Dalivwe, Nkxuwebe, Dike, Monti, Komani. Mpoifi) Rev. John D. Don, matric. 14, 1st B.A. 6, B.A. 1, i Umnto 1, bebonke 22; *Murraysburg*, Rev. B. Pienaar, matric. 7; *Paarl* Rev. C. H. Hahn, matric. 12; *Panmure*, Rev. H. Baumagarten, matric. 6; *Port Elizabeth* (ne Tinaru) Rev. R. Johnston, matric. 4, 1st B.A. 3, Umnto 2, bebonke 9; *Rondebosch* (ne Claremont) Rev. Professor Foot, B.A., LL.B., matric. 27, B.A. 3, bebonke 30; *Stellenbosch* (ne Worcester) Professor Ritchie, M.A., matric. 39, 1st B.A. 19; B.A. 4. Ukucanda 4, bebonke 63; *Swellendam*, Rev. W. P.

Scheirhout, B.A., matric. 3; *Wellington*, Professor Thompson, M. A., B.Sc., F.R.S.E., matric. 12. Iyonke impi eyakungena ekuviniwe kumasebe apambili nonyaka 344, 237 iya kwi matriculation, 56 kwi B.A. yokuqala, 18 kwi B.A., 4 kwi LL.B. 16 Kumteto, 13 Ukucanda.

IZIKOLO ezifundisa abantsundu ezitu- mela intsapo yi Heald Town ne Lovedale. Siyatonyalaliswa kukubona ukub' i Heald Town itumela amadodana amane antsu- ndu kwi Matriculation.,—inani elingako alizanga litunyelwe nasisipela isikolo sa- bantsundu apa e Africa. Basebabini aba- mnyama abasalupumeleleyo oluwiwo lwe Matriculation nabo bapumelela nzima ngeyabo imizamo engeyiyo yesikolo esi- pambili. I Lovedale itumela ingesana linye. Siyatumba ukuba lamadodana mane ase Nkxuwebe ayakubonisa into eyiyo nento esiyiyo isikolo esitawume- leyo.

“ *Imvo Zabantsundu* ” zishicilelwa ngoku ngolwesi- Tatu evekini.

Ezababaleli.

EZOMBUSO.

NKOSI MHELI we *Mvo*,—Kaundincede ngalamazwi am ambalwa endiwafumene kwipepa lo 4 ku May lo, abalwe ngu Mkoloni obuhlungu, otsho nam ndacu- kumiseka yinteto yake, akukankanya ukuba i Rulumeni yelilizwe yoyisiwe ku- kupata “ abantsundu.” Sonke ngoku si- yabona ukuba okwenene kunjalo, kanti ke besingavuyayo ukuba inokusikuhla isinikele kulaulo lwe Nkosazana, kuno- kuba senziwe amakoboka, kanti ngati sekukudala sakululekayo kubo. Isicelo sona sokuba sipatwe yi Nkosazana asita ndabuzeki siyafuneka kanye, kanye uku- ba wonke ontsundu apa apatwe yi Rulu- meni ya Pesheya kolwandle, logungxu- ka- ndinyuke akasoze apumelise bani. Lenteto akwaba owakowetu namhla ontsundu uyakuyikangela ngeliso elome- leleyo. Mhleli, wena ungadinwa kuku- mana ushicilela kwelopepa lako lidumi- leyo, kukona ngoku ipepa lako siliqondayo ukuba lilo kanye, akwaba zonke ezizi- lilo zomzi wakowenu ontsundu opantsi ngengqondo uyakumana nawe ukwe- zelela kuwo uwunika ukuba uha- mbele pambili kunokuba ufumane uwulahlle. Xasa umzi wakowenu ngoku- ngadinwa kukumana ukuwubonisa kwi- zinto zolaulo ngokubake nawe uyawubo- na ukuba usepansi ngengqondo. Ka- ngela nawe ngokwako u Rulumeni unce- do akade elutwele kuwo lomzi wakowenu ontsundu ukukupi imalel yezikolo zomzi wakowenu ewupakamisa ebupantsini ba- wo, namamhla usawutweleke—xa nditsho- yo nditi pambili mfo wakowetu waselu- hlangeni lokungazi olugubungelwe lilifu lobunyama. Oko kambe kukuba lomfo ndaneza inteto yake ubete kwakubi ka- nye wangati usateta okuya besingekaka- nyselwa nalelilizwi namhla lisikanyise- leyo; u Rulumeni wanga Pesheya singa singapantsi kolwake ulaulo ngokumsi- nyane ukuba oku kungenzeka, ngokuba sekubonakala ukuba sesipantsi kwesiqu esoyikekayo. Nditomba ukuba zonke ezizililo sinazo apa zingalalisa wotemba ukuba zonke ezizililo ubuko- yo ngoku apa. Manditshonele mfo ka Jabavu, ngena apo kuyikekayo, duma kulo lonke, pambili,—siyeza ungadeli.

Ndingowako vvenene M. R.
Indwana, 7 May 1885.

IZIKITI.

Kalipa ndini Mgcogeli, nani manene akowetu, lomtwalo nazilwase ngabom, amaqelele obudenge betu siyakumana siwapupumelisa kuni. Kuziqingeta *zonke* zekoloni ndibona *kuko* izibaya ekutiwa “ zizikiti ” apo isakuti impahla yakuba ifunyenwe iduka isiwe kona, nebanjwe eseleni igcinwe kona, njalo- njalo. Itheke lonto iluncedo olukulu kubanini mpahle.,—mna ngokwam nditi kuko indawo engekafezeki, xanje isiti impahla xa iza kute- ngisa ibalwe kumapeza ama Ngesi kupela anjenge *Kaffrarian Watchman* namanye, ze ati umntu onnyama osidenge mhlau- mbi obudenge bupela ekungazini Singesi kupela nokungatati mapeza aso, ahlale ide ihashe laka litengise, kanti belikwisikiti esikufupi naye, ate waya kabini kuso akalifumana wancama, lasala lifika. Nakanjalo nditi mna oku kuxamleka kungape- la, kokuti umntu ahambe ilizwe lonke xa anempahla elahlekileyo. Ukutsho oku nditi, iqinga, iqinga ntozakowetu! Kunjanina kungakuhle kangakanina xa impahla iloluhlobo ndiluculeyo ite ya- *ko* epeeni lohlanga lwetu—eliteta inteto yohlanga —mandipe le.

Ndingu JAS. JAMA.
Idutywa, 23 April 1885.
[Yindawo yabantu ngokwabo ukuba bacele komantyi babo ukuba lento yenz-

uwe. ED. Imvo.]

INTLALO E DAYIMANI.

Kimberley, 22 April 1885.
MHELI wendaba, zamanane akowetu, kauncede undifakele lamazwana ngengeto

ka Tanda. Inyaniso andipendule ngayo Mr T I umoya wako awukuyo lendawo bendibekiselele kuyo. Kuba mna ndibe nditela ndisiti. nto Rulumente; ngenxa yokukubetwa, nangenxa yale pasi. Ke andazi ukuba utinina xa wenjenje ukupe- ndula kwako, nokuba uti beta bamba, kwenziwe ngabo mlungu. Ke mandikwa- zise ukuba uti makubenjalo, uyafunza. Lentoke singasayi kuze sibe nandawo yi- leyo ; nditi ndikalanje, kanti wena uyavuv- ya, fundake ukuba nawe wenjenjalo aku- nandawo nalomtonjana ukuwo wobuye ukutshelwe, u Jan Bulu yena apo anyatela ^{kna} akumili ngeca. Mna ndakuva lomo- ya wako uteta ngayo, abaveli bohlanga oluntsundu bangati uyilento kusakutiwa ngama Nyange, lunyavo lwe Ngewama oko kukuti umbaxa- mbini.. Kodwa noko mna ndiyakuvela; kuba ndiyasazi isondlo asukuba umntu ondlive ngaso, ukuba ku- banzima ukwahlukana naso, kwanesonka asukuba umntu esizuka kubanzima ukuba ashenke kuso; ezondawo zingade zimenze ade abe ngu fund' inyaniso. Nditike mfondini nakuba ulapo wobuye utshelwe siceko. Enye into ubenza abantu bakow- wenu amasela, yilumнкеle lonto; nento ezingavumi kusebenza ezinqenayo mfo- ndini, nditi kuwe soloko mna ndafikayo andizange ndiyibone. Nditike mna be- gotyelwa ngentambo imihla ngom bequ- tyelwa emsebenzini, kuba kaloku kutiwa bayangena ukusebenza, kanti ngu Mvulo kusasa bebebangele kuzo zonke ezizitratl befuna ukusebenza, abanakuwufumana ke bebeyela apo balala kona bobanjwa ke basiwe entolongweni, itiyala abanikwa lo- nake leloukunqena ukusebenza; yinyanga ke lonto entolongweni. Ngewundoyisa ngalinye, uti abantu baninzi apa isizatu sokunqaba komsebenzi apa; yiyona nya- niso inkulu leyo yokusweleka komsebenzi, bona ubusela nokuba bukona, siyazi tina buveliswe yindlala, ukuba buko apa be- nzive yindlala—uxolo ngokutabata inda- wo engaka kwelopepa linqabilye lama- nene.

TSHANANDA BOLLILITYE.

IZIKOLO KUBAFUNDISI.

I Kunganina ukuba izikolo Rulumeni i,be pantsi kwabafundisi? Ukuba ngaba kukuba betenjwa. 2. Akuko mntu uno- kujenjwa ngakuba akamfundisi? 3. E- zizikolo zingena Komintjinje zona zinani? Iselwa xa hlisitsayo kufuneka uqale wa- lihluhluha; kodwa ukuba uqale ngokuli- subukula yosuka ifitize ingqaka. Ukuba nondibonisele ndova, kodwa ukuba niqua

ngokundidlokovisa, ndofitiza ingqaka. Ukutsho manene nditsho kuba abafundisi banemisebenzi ebanelayo ngapandle kwezikolo. Yiyo lento bengenakubafeza kuhle otitshala, okanye kuko ukuteta okutsha abati abafundisi mhlambi mnye, “mna ndinokufumana ititshala ezilungileyo, ezi- neziqinisele nge £30 ne £40. Ezintwana zineratshana zifuna ngapezulu ziyakumka kum.” Kanti ukuba ubeyakunikwa lomali naye ubeyakulikula kwaoko igina elimhlope, aye kutengela evenkileni. Kwincwadana (Circular) eyatunyelwa kubafundisi ngu Dr. Dale, kuko izinto abangazenziyo abebefanele ukuzenza. Ukuba abantwana bayehla esikoleni usuke umfundisi amelane no titshala, ngokuti, “ imali iyehla ukuba inani alinyuki.” Akangeze atete nesibonda; kodwake ngabo abanini sikolo abongamileyo. Kutiwa kwakuloncwadi: “Ozibonda abanganako ukuhla- nganisa ngapezu kwe £10 mabenjenjalo.” kodwa banako ozibonda, koko abafundisi abavumi kuzixelela. Basuke bati ititshala itanda imali. Ndinggeta ngapezulu ndipandawo. Opendula lembuzo mitatu azancede angandituki, nakuba ndilahlekile kuba yimvo yam leyo ndintsundu—

Uxolo Nkosi Mhleli ungadinwa ndim.
Ndingu TITSHALA.
Pesheya kwe Nciba, 8 May 1888.

IBANDLA LE PALAMENTE.

Ivekhi yokuqala.
Akukabiko nto zimandla sezenziwe kweli Bantla, ngapezu kokuba ite inxe- nye yamathawase yazanelisa ngokungeni- sa izaziso, ngento eyakuti exesheni indu- lule ingxoxo ngazo. Kwezi zaziso siba- lula esenziwe ngu Mr. J. ROSE-INNES itu- ngu lase Dikeni, esibiza amapepa anente- to yabapati bemcimbi yase matyaleni, ngetyala le Bulu elingu William Pelser, eladubula umntu omnyama e Bekesdolo- pu. Ekuwabekeni pambi kwebandla u Mr. UPPINGTON ipakati eliyinkulu yala- madoda mahlanu alalulayo, nelite libe lemitedo, lite igqweta elikulu lejaji zase Rini eliyaziyo lomcimbi yena akawazi. Kuleswe ncwadi yelonene u Mr. Maas- dorp. Kwezi zaziso sibalula esenziwe ngu Mr. DYER, ilungu lesitili sase Qonce. obiza ku Rulumeni amapepa angokuku- tshwa kuka Mbovane. Ebhesisukye ngu- cingo ukuba kumiselwe umantyi ongapa- ntsi u Mr. R. J. DYER, walaya ukuba ape- ndle ubunyaniso benteto ati nyatolwa ngazo u Mabandla. u Mr. DE WET, umpatiswa micimbi yabantsundu, ungenise indawo yokuba Abalembu, Amagcaleka. Amabovana amanywe ne Koloni. U Mr. UPPINGTON wangenisa umeto omtsha wehambiso yamatyala pesheya kwe Nci- ba u Mr. SAUER'wabiza ingxelo yenani labantu abeya idayimani abakuhlulwayo ngu Rulumeni. U Mr. DYER wabaza ukuba seke yevivwana into yokuba aba- ntsundu base Zeleni nakwa Qoboqobo bayalila ngenxa yokuhlutwa imihlaba abeeyilima yamahlati ngumncimi- mahlha- ti. Lomcimbi unikelwe ezandleni zo Mr. S. Melville, Mr. Hemming, Mr. DicA, no Mr. Hutchions ukuba bapangulule.

Ingxoxo enobom seke yako pezu kwe- nteto engokuyekelela kwalamadoda alau- layo isono sokubwina kwe Dayimani, ebi- ngeniswe ngu Mr. MERRIMAN. Kakade u Rulumeni uzame ukuzihamba akavuma ukuba lomcimbi ucedululwe.

Ibandla Lemfundo Epambiii.

